# Amaculo Angokupela Nokutwasa Komnyaka.

C.M.

## Ukubulel' Umnyak' omdala.

1. Sibulel' intsikelelo
   Esizuze zona
   Ngalomnyaka upelayo
   Odlulayo namhla.
2. Sibulel' impilo yetu
   Neyentsapo yetu
   Nempilo yempahla yetu
   Nesiwuno setu.
3. Kuk' abagule kakulu
   Bade bancameka
   Wena ubapilisile
   Enkosi Nhlekazi.
4. Kuk' abefenamatyala
   Abuhlungu kanye;
   Namhla bakululekile
   Sang' isandla Bawo
5. Kuk' abebecitakele
   Bengenamakaya;
   Namhla banendawo zabo
   Kwa nentsapo yabo.
6. Kodwa Bawo ngubanina
   Owokubuleta,
   Ngalamatamsanga ako
   Nezintsikelelo?

Amen.

6646664

## "Lenyanga yeyokuqala ezinyangeni zomnyaka". XII : 2.

1. Sitembele kuwe
   Tix' ongu Somandla,
   Ngomnyak' omtsha.
   Ngokungena kwawo, —
   Sizuzis' impilo,
   Sizuzis' uxolo, —
   Ngomnyak' omtsha.
2. Xa sesipakati
   Kuz' inzulu zawo, —
   Umnyak' omtsha.
   Zusigqoqshele,
   Pantsi kwamapiko,
   Singangenwa ngozi, —
   Ngomnyak' omtsha.
3. Sigxotel' inkolo
   Zemvelo nendalo, —
   Ngomnyak' omtsha.
   Siyondel' iNvana,
   Umkokeli wetu;
   Sitwal' umngamlezo, —
   Ngomnyak' omtsha. Amen.